VAKALISA ULUVO LWAKHO

UMthetho Sihlomelo oYilwayo woLungiso lwaBantwana [B 32B-2018] (INdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe – icandelo 75)

Isimemo sokungeniswa kweZiphakamiso eziBhaliweyo

IKomiti eKhethekileyo yoKhuseleko noBulungisa imema abachaphazelekayo kwanabantu abanomdla ukuba bengenise iziphakamiso ezibhaliweyo ezimalunga **noMthetho Sihlomelo oYilwayo woLungiso lwaBantwana [B 32B-2018]** (INdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe– icandelo 75)**.**

UMthetho Sihlomelo oYilwayo woLungiso lwaBantwana ufuna phakathi kweminye imicimbi, ukuthi:

- **Ukuhlomela uMthetho woLungiso lwaBantwana, 2008, ukwenzela ukuhlonyelwa kwenkcazo;**
- **Ukuqhubela phambili ukulawula kwabo baneminyaka eselula ukuba bangabi kwizinga labophuli-mthetho;**
- **Ukuqhubela phambili ukulawula indlela yokuthatha isigqibo sokutshutshisa umntwana oneminyaka eyi-12 okanye ongaphezulu kwalo minyaka kodwa engaphantsi kweminyaka eyi-14;**
- **Ukuqhubela phambili ukulawula isiqinisekiso sobungakanani betyala;**
- **Ukuqhubela phambili ukuhlola ingxelo yovavanyo ligosa elimeselwe lomsebenzi;**
- **Ukuqhubela phambili ukulawula imiba ekufuneka iqwalaselwe ngumtshutshisi xa ephambukisa umba phambi kokuba kwenziwe intshayelelo yophando;**
- **Ukuqhubela phambili ukulawula izizathu ekufuneka ziqwalaselwe ngumantyi ozakuhlalela uphando naxa esenza inguqulelo kumcimbi othile kwintshayelelo yophando;**
- **Ukuqhubela phambili imiyalelo leyo inokwenziwa kwintshayelelo yophando;**
- **Ukuhlonyelwa kwamagama ukwenzela ukuququzelelwa ukutolikwa kwamabinzana; kunye**
- **Nokuqhubela phambili nokulawula izinto ezizakuqwalaselwa ligosa lezomthetho xa liphambukisa umcimbi kwinkundla yomthetho wabantwana; kunye nokubonelela ngemicimbi enxulumene nayo.**

Iziphakamiso eziBhaliweyo kufuneka zifumaneke **ngaphambi komhla woku-1 kweyoKwindla 2019.**

Izicelo zokufumana iikopi zoMthetho oYilwayo, iziphakamiso ezibhaliweyo kunye nemibuzo kufuneka ithunyelwe ngqo kuMnu G Dixon, kwiKomiti eKhethekileyo yoKhuseleko noBulungisa, 3rd Floor, Office 133, 90 Plein Street, Cape Town, 8001 okanye ithunyelwe kule dilesi ye-emeyile gdixon@parliament.gov.za okanye kule nombolo yefaksi-086 658 9371.

Ikhutshwe ngohloniphekileyo SG Mthimunye, iLungu lePalamente, uSihlalo: iKomiti eKhethekileyo yoKhuseleko noBulungisa.